




It starts with a story...



Enjoy our cut-out-and-keep story on pages 3 to 6 that encourages children to take care of books!

Yonwabela ibali lethu onokulisika-ze-uligcine kwiphepha lesi-3 ukuya kwele-6 nelikhuthaza abantwana ukuba baphathe iincwadi ngokukuko!



Treating books as treasures

Books are expensive and so it is understandable that we want them to last. How can we help our children learn to take good care of books so that they can be enjoyed over and over again? Here are five ways.

- 1. Grow a love of stories.** We cannot expect children to treat books well if they do not love stories! When you spend time reading and enjoying stories with children, they soon learn to treasure books.
- 2. Teach by example.** Children learn more by watching us than by being told what to do. So, if you don't treat books well, you can't expect children to do so! Show them how to treat books. For example, as you read to them, turn the pages carefully, and when you have finished reading a story, return the book to its place on the bookshelf.
- 3. Expect what is reasonable.** Children need to spend time looking at or reading books on their own. It is natural for their favourite books to become worn after a while. Encourage age-appropriate book behaviour in your children.

For example, it is "normal" for babies to chew the corners of books – because they put everything into their mouths – but we wouldn't expect three-year-olds to do this. And seven-year-olds can be expected to turn the pages of a book gently, but many three-year-olds cannot yet manage this.

- 4. Create storage for books.** Help children learn to care for books by creating special places to store them. You can use shelves as well as decorated boxes and box lids.
- 5. Don't have too many rules.** Too many rules about using books are likely to destroy children's love of stories. Try to have a few simple rules that make sense to children. For example, "Let's keep water and things we drink away from books because if we spill on our books, they will get damaged." Also, "Let's make sure our hands are not sticky when we look at books because if some of the pages stick together we won't be able to read the whole story!"

As with most things in life, learning to take care of books involves time, practice and encouragement. Children will learn this so much faster if they experience the pleasure that reading and books offer.

Ukuphatha iincwadi njengezinto zexabiso

Zixabisa kakhulu iincwadi, ngoko ke sicacile isizathu sokuba sifune zihlale ixesha elide. Singabanceda njani abantwana bethu ukuze bafunde ukuphatha ngobunono iincwadi, ukuze zibe nokonwatyelwa ixesha elide? Nazi iindlela ezintlanu zokwenza oko:

- 1. Khulisa uthando lwamabali.** Asikulindela ukuba abantwana baziphathe kakuhle iincwadi xa bengawathandi amabali! Xa uchiitha ixesha ufunda kwaye usonwabela amabali nabantwana, bakhawuleza bafunde ukuzixabisa iincwadi.
- 2. Fundisa ngomzekelo.** Abantwana bafunda ngakumbi ngokujonga oko sikwenzayo kunokuxelelwa ukuba benze ntoni na. Ngoko ke, ukuba awuzixabisanga iincwadi, awunakulindela ukuba abantwana benze njalo! Babonise indlela yokuphatha iincwadi ngokufanelekileyo. Umzekelo, xa ubafundela, tyhila amaphepha ngononophelo, ze emva kokuba uligqibile ibali, uyibuyisele endaweni yayo incwadi apho eshelufini.
- 3. Musa ukulindela imilingo.** Abantwana kufuneka bachithe ixesha bejonge okanye bezifundela iincwadi ngokunokwabo. Kuqhelekile ke ukuba ezona ncwadi bazithandayo ziguge msinyane. Khuthaza indlela yokuphathwa kweencwadi ehambelana nobudala babantwana. Umzekelo, kuqhelekile

ukuba iintsana zintlantlathe iikona zeencwadi – kuba zifaka yonke into emilonyeni yazo – kodwa asinakulindela ukuba abaneminyaka emithathu benze oko. Kananjalo abaneminyaka esixhenxe balindeleke ukuba bawatyhile ngononophelo amaphepha encwadi, kodwa uninzi lwabaneminyaka emithathu alukwazi ukwenza oko.

- 4. Yenza iindawo yokugcina iincwadi.** Nceda abantwana bafunde ukukhathalela iincwadi ngokwenza iindawo ekhethekileyo yokuzigcina. Ungasebenzisa iishelufa kwakunye neebhokisi ezihonjisiweyo kwakunye neziciko zeebhokisi.
- 5. Musa ukuba nemithetho emininzi.** Imithetho emininzi kakhulu malunga nokusebenzisa iincwadi ingalubulala uthando lwamabali eabantwaneni. Zama ukwenza imithetho embalwa nelula, abayiqondayo abantwana. Umzekelo, "Amanzi nezinto eziselwayo mazibekwe kude neencwadi, kungenjalo ziya konakala iincwadi zethu xa zichithelwe." Omnye ngulo uthi, "Masiqinisekise ukuba izandla zethu azincangathanga xa sibamba iincwadi kuba xa athe amaphepha ancamathelelana, asinakukwazi ukulifunda lonke ibali!"

Njengezinto ezininzi ebomini, ukufunda ukukhathalela iincwadi kufuna ixesha, ukuziqhelisa kunye nokukhuthazwa. Abantwana baza kukufunda oku kamsinyane ukuba bafumana ubuncwane bokonwabela ukufunda obuziswa ziincwadi.



Drive your imagination

Read to me. In my language.
Ndifundele. Ngolwimi lwam.





Nal'ibali news

On 23 April 2014 (World Book Day), Nal'ibali proudly launched our Children's Literacy Charter at Constitution Hill in Johannesburg. The charter is a guide to the kind of experiences and resources all children need if we want them to become literate. We had great fun celebrating the charter's launch with songs, stories and speeches. Here are some photographs from the event.

1. Children from Duzek College and Lesedi Community College, who attended the launch, enjoy listening to a story.

Abantwana baseDuzek College nabaseLesedi Community College, abathe bazimasa lo msitho wosungulo, bonwabele ukumamela ibali.

2. There was plenty of time to sing at the launch!

Kwakukho ixesha elininzi lokucula kulo msitho wosungulo!

3. Award-winning author, poet and storyteller, Chris van Wyk, had the audience spellbound as he told a story!

Umbhali ophumelele imbasa, imbongi kunye nombalisi wamabali, uChris van Wyk, ebalisela abaphulaphuli abathabathekileyo libali!

4. Carole Bloch, Director of PRAESA, spoke about the importance of stories for literacy.

UCarole Bloch, uMqondisi wePRAESA, ethetha malunga nokubaluleka kwamabali kwilitheresi.

5. Writer and human rights' activist, Elinor Sisulu, spoke about the importance of having a literacy charter.

Umbhali kunye netshantliziyo lamalungelo oluntu, u-Elinor Sisulu, ethetha malunga nokubaluleka kobukho bomqulu welitheresi.



If you missed your copy of the Children's Literacy Charter in supplement 63, you can download it from our website, www.nalibali.org. It's available in 11 languages.

Ukuba uphosiwe yikopi yakho yoMqulu waBantwana weLitheresi kuhlelo lwama-63, ungazikopela wona kwiwebhusayithi yethu, ku-www.nalibali.org. Ufumaneka ngeelwimi ezili-11.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Abahlobo benene bakuphatha kakuhle. Kodwa leyo yinxalenye nje yobuhlobo kuphela. Nawe kufuneka ubakhathele abahlobo bakho. Sibaphatha kakuhle abahlobo bethu kuba babalulekile yaye baxabisekile. Nazo iincwadi zibalulekile kwaye zixabisekile. Nazo zifuna ukukhathelelwa.




Good friends look after you. But that's only part of a friendship. You need to look after your friends as well. We look after our friends because they are important and precious. Books are important and precious too. They also need to be looked after.

Fold



Kungenzeka kuthi kanti kufuneka ukhulele encwadi! Ungacela omnye umntu akuncedise uyifunde okanye ungayifunda xa sele umkhudlwana.



It may be that you have to grow into a book. You can ask someone to help you read it or you can read it when you're **BIGGER**.



We publish what we like

Read the original story, *Books are friends*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele.


Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Iincwadi zingabahlobo*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka nangesiZulu, i-Afrikaans, IsiSwati, IsiPedi, IsiSuthu IsiTswana, IsiTsonga, IsiVenda nangesiNdebele.

I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold

Books are friends

Iincwadi zingabahlobo



Carole Bloch

Alzette Prins



Ngamanye amaxesha kufuneka usoloko uzama nangokufunda amabali.

Ngamanye amaxesha, kuba nzima ukufumana abahlobo abats'ha. Ukuba abantu babonakala ngathi *ballerina* futhi bahlakani phile kunawe, ungaziva **UXHALVABLE** okanye unentloni. Qhubeka uzame okanye awunakubazi ukuba bangabantu abanjani na kanye kanye.



Sometimes, it can be hard to make new friends. If people look more **exciting** and clever than you, you might feel **NERVOUS** or shy. Keep trying or you will never know what they are really like.

Sometimes you should keep trying with stories too.

Fold

Ukuphatha kakuhle omnye umntu okanye enye into kukwathetha ukuyikhusele kwintlobo ezahlukileyo zeenzozi.

Shenxa endleleni yezilwanyana **zaseNdlu** ezilahlalayo, kaloku zibulala yonke into esendleleni yazo. Azikhathalele mtu nazincwadi!




Looking after someone or something also means protecting them from different kinds of danger.

Keep away from **WILD STAMPEDE** animals that destroy everything in their path. They don't care about people or books!

Nothing beats a good storybook!

A storybook is a teacher, sharing ideas and giving you information.



Ayikho into edlula incwadi yebali elimnandi!

Incwadi yebali ingutitshala, yabelana nabanye ngezimvo kwaye ikunika nolwazi.

But if you take care of them, books will live on and be enjoyed by you, your friends and your family for a long time. You will find out over and over again that nothing beats a good story!



Kodwa ukuba uyazikhathalela, iincwadi ziza kuhlala zihleli kwaye zisonwatyelwa nguwe, abahlobo bakho kunye nosapho lwakho ixesha elide. Kunjalo nje uza kufumanisa amaxesha ngamaxesha ukuba akukho nto yogqitha ibali elimnandi!

Fold

Abantu abaqavileyo nabo abalawuleki lula. Abantakwenu noodade abancinane kuwe basenokungaqondi ukuba akuneki bazibambe ngeminye encangathi iincwadi, bavuzise ibhrashi zokupeyinta kuzo, bangcangcazele ibhotile zeglu phezu kwazo okanye basike ngezikere! Bona basatuna ukuncediswa ukuze batunde. Babonise ukuba ziphathwa njani na iincwadi nokuba onwatyelwa njani na amabali.



Wild humans can also be tricky to handle. Baby brothers and sisters may not understand that you shouldn't hold books with sticky fingers, dipping paintbrushes, wobbly glupots and snipping scissors! They need a helping hand to learn. Show them how to look after books and how to enjoy stories.

Fold

Ukufunda kunye ibali kunganonwabisa kakhulu. Iballi obagqwesa bonke xa ufuna ukuba wedwa kuthi cwaka.

Reading a story together can be lots of fun. A story is also excellent company when you just want to be quietly alone.




Like friendships, books fade and die when they are ignored or badly treated. If you forget books in places like dark cupboards, they will become dusty and get eaten by bugs and worms. No one will read them.



Njengobuhlobo, iincwadi ziyaphelelwa zide zife xa zingakhathalelwa okanye ziphethwe kakubi. Ukuba uyazilibala iincwadi kwiindawo ezimnyama ezinjengeekhabhathi, ziza kuzala luthuli ze zityiwe nazizinambuzane. Akukho mntu oza kuphinda azifunde.

A storybook is also a boat that sails you away on adventures to strange places to see wonderful sights.



Incwadi yebali ikwaliphenyane elikudadisayo likuhambisa kwiindawo ezingaqhelekanga, ukuze ubone iindawo ezintle.

Fold

Xa uziva ulusizi okanye ulilolo, udiniwe okanye ngula, ibali elimnandi, kanye ngokufanayo nje nomhlobo wokwenene, lingakunceda liyisuse ingqondo yakho kwezo zinto.



If you feel sad or lonely, tired or sick, a good story, like a good friend, can help take your mind off things.

Most of all, a storybook is a friend. With friends you smile and laugh, you sigh and cry, you sing and shout. It's the same with storybooks.

Ngaphezu kwako konke incwadi yebali ingumhlobo. Xa unabahlobo uyancuma, uhleke, uyakhumbula, ulile, uyacula, ungxole ude ukhwaze. Kunjalo ke nangeencwadi zamabali.



Ukuba niyaphuma nomhlobo wakho, soloko nikufutshane omnye komnye ukwenzela ukuba ningalahlekani. Kuba *lusizi* umhlobo akulahleka, kuba njengam nawe, nabo banamakhaya. Ukuba uyilibele apho uyishiye khona incwadi, *lusizi* ke olo nakuyo kuba neencwadi nazo zinawo amakhaya.



If you forget where you've left a book, it is sad too, because books also have a home.

When you go out with a friend, you stay close so that you don't lose each other. It is sad when friends gets lost, because like you and me, they have a home.

Just like people, books have different kinds of homes. Some books live in libraries. Libraries are wonderful places because there are so many different kinds of books to choose from. You can borrow them and take them home to read.

Njengabantu, iincwadi zineendidi ezahlukileyo zamakhaya. Ezinye iincwadi zihlala kumathala eencwadi. Amathala eencwadi alunge kakhulu kuba kuwo kukho iintlobo ezininzi nezahlukileyo zeencwadi onokukhetha phakathi kwazo. Ungaziboleka ugoduke nazo uye kuzifunda.



Get story active!

Here are some story reading ideas and activities for *Books are friends for you to try*.

Before

- ★ Introduce the story by reading the title of the story. Ask your children, "How do you think books can be friends?" Let them share their ideas with you and share your ideas with them.

During

- ★ Put lots of expression into your voice as you read the story – especially when you read the words that are bigger or smaller than the other words, or in a different type of lettering.
- ★ Encourage your children to ask whatever questions they have or to make comments about the story.
- ★ Help your children find the letters from their names in the pictures.

After

- ★ Invite your children to draw a picture of their favourite story characters. Let them write about their pictures – with your help, if necessary.
- ★ Read page 3 again. Encourage your children to complete this sentence in as many different ways as they can: A storybook is like ..., it ...
- ★ Look at the picture on page 6. Where is each child's favourite place to read?
- ★ Encourage your children to write a list of their own rules for taking care of books.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcinga nemisetyenzana eyenzelwe ukuba uyizame xa ufunda ibali elithi, *incwadi zingabahlobo*.

Phambi kokufunda

- ★ Yazisa ibali ngokufunda isihloko sebali. Buza abantwana bakho wenjenje, "Nicinga ukuba iincwadi zingaba ngabahlobo njani?" Bavumele babelane nawe ngeengcinga zabo uze nawe wabelane nabo ngezakho.

Xa kufundwa

- ★ Xa ufunda ibali ilizwi lakho malivakalise uvakalelo kangangoko – ngakumbi xa ufunda amagama amakhulu okanye amancinane kunamanye, okanye abhalwe ngoonobumba abohlukileyo.
- ★ Khuthaza abantwana bakho babuze nayiphi na imibuzo abanayo okanye benze amagqabantshintshi ngebali.
- ★ Nceda abantwana bakho ukuba bafumane oonobumba abakhoyo kumagama abo emifanekisweni.

Emva kokufunda

- ★ Mema abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso woyena mlinganiswa bamthandayo ebalini. Bavumela ukuba babhale malunga nemifanekiso yabo – ubancedise, xa kuyimfuneko.
- ★ Funda iphepha lesi-3 kwakhona. Khuthaza abantwana bakho ukuba bagqibezele esi sivakalisi ngeendlela ezininzi nezahlukileyo kangangoko banakho: Incwadi yamabali ifana ..., i...
- ★ Jonga umfanekiso okwiphepha lesi-6. Yeyiphi eyona ndawo yokufunda ithandwa ngumntwana ngamnye?
- ★ Khuthaza abantwana bakho bazibhalele olwabo uluhlu lwemithetho yokukhathalela iincwadi.

Reading club corner

August has a number of special days on which we can celebrate the diversity of people!

- August** Women's month
- 3 August** International Friendship Day
- 9 August** National Women's Day
- 10 August** Author Suzanne Collins' birthday
- 12 August** International Youth Day
- 13 August** International Left-Handed Day

Suzanne Collins is an award-winning author. She wrote the novels enjoyed by teenagers (and adults!) that make up *The Hunger Games* trilogy: *The Hunger Games*, *Catching Fire* and *Mockingjay*. The first two novels have already been made into movies. Suzanne also writes for the children's television channel, Nickelodeon.



USuzanne Collins ngumbhali ophumelele imbasa. Wabhala iinoveli ezonwatyelwa ngabantwana abasafikisayo (nabantu abadala!) nezenza iincwadi ezintathu ezisihloko sithi, *The Hunger Games: ezizezi; The Hunger Games, Catching Fire kunye noMockingjay*. Ezi noveli zokuqala zimbini sele zenziwe imifanekiso bhanya-bhanya. Kananjalo uSuzanne usekwabhalela nejelo labantwana likamabonakude, iNickelodeon.

Try some of these ideas in August

- Choose stories that show women in different roles – for example, women as mothers, sisters, leaders, artists, writers, sports women. Read these aloud throughout the month.
- Share stories with the children that explore what friendship is.
- Encourage the children to write about and to their friends.
- Tell the children the story of how on 9 August 1956, South African women fought for justice for themselves and others.
- If you have teenagers at your club, choose an extract or chapter from one of the books in *The Hunger Games* trilogy to read aloud to them.

Zama ezinye zezi nginga kweyeThupha

- Khetha amabali abonisa abasetyhini bedlala iindima ezahlukileyo – umzekelo, abasetyhini njengoomama, oosisi, iinkokheli, amagcisa, ababhali, nabadlali. Funda loo mabali ngokuvakalayo kuyo yonke le nyanga.
- Yabelana nabantwana ngamabali aphicotha ukuba buyintoni ubuhlobo.
- Khuthaza abantwana ukuba babhale malunga nabahlobo babo kwaye bababhalele.
- Balisela abantwana ibali elibonisa ukuba balwa njani abasetyhini ngomhla we-9 kweyeThupha ngowama-1956, besilwela ubulungisa namalungelo abasetyhini nawabanye.
- Ukuba unabantwana abafikisayo kwiklabhu yakho, khetha isicatshulwa okanye isahluko kwenye yeencwadi ezintathu ezisihloko sithi, *The Hunger Games* ukuze ubafundele ngokuvakalayo.



Send us your reading moments and WIN!

Whether it's a photo of your child enjoying a bedtime story or a picture of them reading their first book, send us your children's reading moments to inspire others to create reading moments with their children too. Simply email your reading moment picture to info@nalibali.org. If selected, your photo will appear on the Nal'ibali Facebook page, and you will receive a book to enjoy with your children, as well as a Nal'ibali T-shirt!

Sithumelele amaxeshana okufunda akho uze UPHUMELELE!

Nokuba yifoto yomntwana wakho esonwabela ibali laphambi kokuba alale okanye umfanekiso wabo befunda incwadi yabo yokuqala, sithumelele amaxeshana okufunda omntwana wakho ukuze avuselele abanye benze awabo amaxeshana okufunda nabantwana babo. Thumela ngeimeyili umfanekiso wamaxeshana akho okufunda kule dilesi: info@nalibali.org. Ukuba ukhethiwe, umfanekiso wakho uya kupapashwa kuFacebook wethu wakwaNal'ibali, kwaye uya kufumana incwadi onokuyonwabela nabantwana bakho kwakunye nesikipa seNal'ibali!



Story corner

Here is a fable about the special relationship between a bird and a tree to enjoy reading aloud or retelling.

The lark and the pomegranate tree by Michael Rice

Every morning, just as the sun was beginning to rise, a little lark flew from its nest, perched on a branch of a pomegranate tree, stretched its wings, lifted its head and began to sing the most beautiful song to welcome the morning light.

One morning, just as the bird had finished singing, it looked down and saw a large, ripe pomegranate lying on the ground. The pomegranate must have split open when it hit the ground, for its bright seeds lay scattered about like rich red rubies glinting in the sun.

The lark flew down and began to peck the juicy seeds. As it lifted its head to sing its delight at finding such a delicious meal, one of the pomegranate seeds got stuck in its throat. The lark got such a fright that it flew up into the morning sky.

High in the sky, with a cough and a sneeze, the lark spat out the seed. The seed fell to the earth where it landed on a rock on the side of a mountain.

The lark flew away unharmed, but the seed lay wedged in a crevice in the rock. It lay there for a many years before it began to sprout. There was no soil for it to grow in, and it was only watered once in a while by a passing shower.

Then one day, after a thunderstorm, the seed began to send out tiny, tender shoots, searching for anything to help it grow. After a long time it managed to get a good grip in the crevices of the rock, and then nothing could shift it.

Time passed. The seasons followed one upon the other. The delicate shoots gradually became roots strong enough to reach deeper and deeper into the cracks and crevices, eventually splitting the rock into pieces, while its branches reached for the sky.

And so the tree grew.

Birds nested in its branches and fed on its fruit – which fell to the ground or was scattered over the earth to fall where it may and wait for the rain to soften the ground upon which it lay.

Tell us if you liked the story, *The lark and the pomegranate tree* – SMS “Bookmark” with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.



Illustration by Alzette Prins
Umfanekiso ngu-Alzette Prins

Indawo yamabali

Nantsi intsomi malunga nobudlelwane obukhethekileyo phakathi kwentaka nomthi nonokuyonwabela ngokuyifunda ngokuvakalayo okanye uyibalise kwakhona.

Igwangqa nomthi werharnathi ibhalwe ngu Michael Rice

Rhoqo ekuseni, xa kanye ilanga litshisela, igwangqa elincinane lalibhabha lisuka kwindlu yalo, lithi ngcu kwisebe lomthi werharnathi, lolule amaphiko alo, liphakamise intloko lize liqalise ukucula eyona ngoma imnandi yokwamkela ukukhanya kwentsasa.

Ngenye intsasa, nje ukuba le ntaka igqibe ukucula, yajonga ezantsi yaza yabona irharnathi enkulu evuthiweyo iwe phantsi emhlabeni. Inokuba irharnathi ithi yakubetheka emhlabeni yavuleka, kuba iinkozo zayo eziqaqambileyo zazithe saa zingathi ngamatye abomvu exabiso xa amenyezelswa lilanga.

Igwangqa lehla emthini laze laqalisa ukunqola-nqola iinkozo zerharnathi ezazinencindi. Lithe xa linyusa intloko liza kucula kuba lifumene ukutya okumnandi kangaka, olunye ukhozo lwerharnathi lwaxaba emqaleni. Igwangqa loyika kakhulu kangokuba labhabha lantingela esibhakabhakeni.

Phezulu esibhakabhakeni, lathi lakukhohlela luthimla, lwatoka ukhozo olo. Ukhozo lwawela emhlabeni lwaze lwahlala eliweni elingakwelinye icala lentaba.

Igwangqa labhabha lemka lingenzakalanga, kodwa lona ukhozo lwaluminxiseleke kwithanda eliselityeni. Lwahlala apho iminyaka emininzi phambi kokuba luntshule. Kwakungekho mhlaba olunokuthi lukhule kuwo, kwaye lalinkcenceshelwa kanye emva kwexesha elide ngamanzi ankcenkcezayo, egqitha ngakulo.

Ngenye imini, emva kwesiphango, ukhozo lwaqalisa ukukhupha ihlumelo elincinane, elalikhangelana nantoni na enokulenza likhule. Emva kwexesha elide lakwazi ukubambelela kakuhle kwiintanda zeliye, kwaye kwakungekho nto inokulususa.

Lahamba ke ixesha. Amaxesha onyaka elandelelana ukudlula, elinye emva kwelinye. Ihlumelo elibuthathaka lakhula laba ziingcambu ezikwaziyo ukungena nzulu kwiintanda zeliye, zaze ekugqibeleni zalighekeza ilitye lazingceba, lo gama amasebe alo wona ejolise esibhakabhakeni.

Wakhula ngolo hlobo ke umthi.

Iintaka zakhisela iindlwane zazo kumasebe awo, zisondlwa ziziqhamo zawo, ezazisiwela emhlabeni okanye ezaziqengqelekela, zizele naphi na emhlabeni, apho ziya kulinda imvula khona ukuze yenze umhlaba uthambe kuloo ndawo zizele kuyo.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *Igwangqa nomthi werharnathi* - SMSa u-“Bookmark” negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabiso i-R1,00.

In your next Nal'ibali supplement:

- The role of books and reading in childhood
- Dear Nal'ibali: letters and SMSes you sent to us
- A cut-out-and-keep book, *Young Lion and Little Brown Monkey*
- Collect the Nal'ibali characters: Mme wa Afrika
- A zigzag book, *Look at me!*

Did you know Nal'ibali supplements come in a range of South African languages? Visit the “Supplements” section at www.nalibali.org to download supplements in English-IsiXhosa, English-IsiZulu, English-Sesotho and English-Afrikaans.

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Indima edlalwa zincwadi kunye nokufunda ebuntwaneni
- Nal'ibali othandekayo: iileta kunye neeSMS enisithumelele zona
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *Ingonyama Encinci Kunye Nenkawana Emdaka*
- Qokelela abalinganiswa beNal'ibali: uMme wa Afrika
- Incwadi emajikojiko esihloko sithi, *Nalijonge!*

Ubuzazi na ukuba iintlelo zeNal'ibali zifumaneka ngeelwimi ezininzi ezahlukileyo zaseMzantsi Afrika? Ndwendwela icandelo elithi, “Supplements” ku-www.nalibali.org ukuze uzikopele iintlelo ezingesiNgesi-nesiXhosa, isiNgesi-nesiZulu, isiNgesi-nesesotho kunye nezingesiNgesi ne-Afrikaans.